

# Vuk'uzenzele

Produced by: Government Communication & Information System (GCIS)

English/isiXhosa

EkaTshazimpunzi 2021 Ushicilelo 1



**Get help for your child**

Page 6

**STAY SAFE**

PROTECT SOUTH AFRICA

TOGETHER WE CAN BEAT CORONAVIRUS



**Make maths a part of your life**

Page 7

## Support for students

Allison Cooper

**G**overnment remains committed to ensuring that deserving students have financial support to continue with their studies.

The Minister of Higher Education, Science and Innovation, Dr Blade Nzimande, says government is firmly committed to providing fee-free higher education support to students from working and poor backgrounds, while putting a mechanism in place to support students from the 'missing middle' income bracket.

He adds the department and universities have agreed that fee increases for 2021 will be affordable but will still ensure universities remain sustainable.

### NSFAS shortfall addressed

A shortfall in funding for the National Student Financial Aid Scheme (NSFAS) for 2021 meant NSFAS was unable to communicate funding decisions to institutions and students entering public



universities for the first time. The Minister says funding has been reprioritised from the Department of Higher Education and Training's (DHET)

budget to ensure all deserving NSFAS-qualifying students receive funding support for 2021.

"NSFAS will be able to re-

lease funding decisions, and the registration process at public universities can continue as planned.

"No NSFAS-qualifying stu-

dents have been affected by these delays, as universities had agreed to extend the registration period to ensure that students without funding decisions would not be prevented from accessing a place that they qualify for."

He explains that NSFAS is working hard to finalise appeals so that students are not prevented from registering in time, and continuing students who meet the qualifying criteria have already been allowed to register.

NSFAS funding is provided primarily for students completing a first undergraduate qualification.

"In the past, NSFAS provided funding for some limited second qualifications in key areas. Students who are already funded on these programmes will be able to continue as long as they meet the academic criteria," says the Minister.

However, there is no funding available for new entrants on second or postgraduate qualifications.

"We will engage further

**Cont. page 2**



To read Vuk'uzenzele download the GOVAPP on:

ANDROID APP ON  
Google play

Available on the  
App Store

Search for SA Government on Google playstore or appstore

### CONTACT US

 Vuk'uzenzele  @VukuzenzeleNews

Website: [www.gcis.gov.za](http://www.gcis.gov.za)  
[www.vukuzenzele.gov.za](http://www.vukuzenzele.gov.za)


Email: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)  
Tel: (+27) 12 473 0353

### Tshedimosetso House:

1035 cnr Frances Baard and Festival streets, Hatfield, Pretoria, 0083

**FREE COPY NOT FOR SALE**





## Linkokheli zemveli ziphambili kwimizamo yokubuyisela kwimeko yesiqhelo

**K**wezi nyanga zimbalwa zidlulileyo, kuye kwafuneka siginye nokuba kuyakrakra xa iinkosi ezimbini ezihlonitshwayo kwilizwe lethu ziye zasutywa kukufa.

Kutsha nje abantu bakwaZulu babeke kwikhaya lokugqibela uKumkani u-Goodwill Zwelithini kaBhekuzulu olawule kangangesiqingatha senkulungwane. Ngenyanga yoMqungu, aBapedi bangcwabe uKgoshikgolo Thulare Thulare III, osutywe kukufa kungekapheli nonyaka emva kokubekwa kwakhe esihlalweni.

Ngokudlula kwabo emhlabeni, siphulukene neentshatsheleli zolondolozo lwamafa ethu, kwaye sihlonipha abagcini beembali zabantu babo.

Kwangelo xesha, babengabadlali bendima ebalulekileyo kuphuhliso lwasemaphandleni, kwaye babezinikele kwiinkqubo zokuqhuba ukuphakamisa iimeko ezibonakalayo zabantu babo.

Ngokufika kolawulo lwentando yesininzi ngonyaka we-1994, yayiyeyona nto iphambili kurhulumente omtsha ukubuyisela isidima nokuba semthethweni kobunkokheli bemveli ngokuhambelana nomthetho wemveli namasiko kwaye kuxhomekeke kuMgaqosiseko weRiphabhlikhi.

Iziko lobunkokheli bemveli liyaqhubeka nokudlala indima ebalulekileyo kubomi bezigidi zabantu kwilizwe lethu liphela, ingakumbi emaphandleni. Iinkokheli zemveli zixhasa kwaye ziqhuba uphuhliso kwiindawo zabo.

Kutsha nje, ndiye ndafuma-



na ithuba lokuthatha inxaxheba kwingxoxo mpikiswano kuvulo lweNdlu yeeNkokheli zeMveli yeSizwe, ebikhatzwa ziingxaki ezinzima ezijamelene nelizwe ngoku.

Eyona nto yayihlaziya kakhulu kuthethathethwano olomeleleyo yayikukuba iinkokheli zemveli zinombulelo ongazenzisiyo ngeemeko ezinzima zoqoqosho ezijamelene nelizwe lethu, kwaye zifuna ukuba yinxalenye yokujongana nemiceli mngeni emininzi yokungafumani uphuhliso kunye nentlupheko kwiindawo zabo.

Ndisoloko ndisitsho ukuba ukubuyela kwethu kuqoqosho emva kobhubhane wentsholongwane i-Corona kufuneka kubandakanye wonke umntu, kwaye akukho mntu ekufuneka ashiyeke ngasemva.

Impumelelo yesiCwangciso soKwakha ngoKutsha noKuvuselelwa koQoqosho ixhomekeke ekubumbeni ubudlelwane obuluqilima phakathi kungekuphela kurhulumente, amashishini kunye nabasebenzi, kodwa

kunye neenkokheli zemveli kunye nolunye ulwakhiwo loluntu.

Abakutsho ngokuphindaphinda kwingxoxo-mpikiswano kutsha nje kukuba abafuni kuxhomekeke kwi-zibonelelo okanye kuluntu lwabo ukuba luhlale lujonge kurhulumente ngoncedo lwezezimali.

Bafuna ukubonelelwa ngenkxaso eyimfuneko, uqeqesho kunye nemeko efanelekileyo yokuvumela uluntu lwasemaphandleni ukuba luzimele.

Bafuna ukuvala iyantlukwano phakathi kwasezidolophini nasemaphandleni ekufikeleleni kwiinkonzo zikarhulumente nakwizixhobo zecandelo labucala.

Into abangathanda ukuyibona kukuba iindawo zasemaphandleni zibe ngamaziko emisebenzi yezoqoqosho, amashishini kunye namathuba engqesho. Oku kubonisa iminqweno ye-Modeli yoPhuhliso yeSithili (i-DDM), neyasungulwa ngowama-2019.

Iinkokheli zemveli zikwi-

meke efanelekileyo yokuqinisekisa ukuba izicwangciso zezithili ziyahambelana kwaye ziyaphendula kwiimfuno zokwenene zoluntu kwaye zibonakalisa ubunyani bobomi obuphilwa emaphandleni.

Njengokuba i-DDM ixhasa iinkqubo zalapha ekhaya ezijolise kwiimfuno, ukomelela kunye namathuba kwiindawo ezithile, iinkokheli zemveli ziye zangenelela kwindlela yabo kuphuhliso loqoqosho lwasekhaya.

Baqulunqe iSicwangciso esiKhulu se-*InvestRural*, eyasungulwa eMntla Ntshona kwinyanga ephelileyo. Kuyakhuthaza kakhulu ukuba iinkokheli zemveli ziye zaxhasa esi sicwangciso kwaye zifuna ukusebenzisa na noorhulumente basekhaya ukuqinisekisa ukuba siyimpumelelo.

Ngexesha lengxoxo kwiNdlu yeeNkokheli zeMveli yeSizwe kwacetyiswa ukuba eyona mpumelelo iphambili kwinkqubo yoTyalomali lwaseMaphandleni kukuba imibutho yemveli iyaqeqeshwa, yomelezwe kwaye ixhotyiswe.

Abathathi-nxaxheba abaninzi bazichaza izicwangciso zoqoqosho esele zikwisigaba esiphambili sophuhliso. Olu luhlu lususela kwii projekthi zezolimo ukuya kuhlolo kwemveliso ezivela kwizilwanyana nezityalo ezohlukeneyo ukuya ekudaleni amandla amatsha ombane.

Okubonakalayo kukuba iziko lobunkokheli bemveli liyayiqonda into yokuba ukuqeqeshelwa umsebenzi wobugcisa kubalulekile kushishino lwasemaphandleni ngohlobo lwa mashishini amancinci, aphakathi kunye

nookopolotyeni ukuze babe yinxalenye yoqoqosho oluphambili.

Iinkokheli zemveli ezithethileyo ziveze umbono wazo 'weenkosi eziphuhlisayo', abangaziboni njengabagcini bamafa emveli kuphela kodwa nanjengabaqhubi bempumelelo yezoqoqosho nenkqubela phambili. Bachonge iiprojekthi ezininzi kunye namathuba ezoqoqosho azakudala imisebenzi kwaye aphucule ubomi kwiiindawo ezisemaphandleni.

Iinkokheli zemveli zikwawakalisile ukuzimisela kwazo ukuthatha inxaxheba ebonakalayo kwinkqubo yokubuyiselwa komhlaba. Ukusukela ngowama-2018, iinkokheli zemveli zenze malunga ne-1 500 000 yeehektare zomhlaba wabahlali ukuba ufumane uphuhliso, kwaye kuyathenjwa ukuba oku kuza kwanda kwixesha elizayo.

Ukuphuhlisa iqhinga elilungelelanisiweyo nelizinzileyo, sivumelene ngokubamba iNgqungquthela yoMhlaba kaMongameli kunyaka olandelayo. Oku kuza kuxoxwa ngemiba enzima malunga nokubuyiselwa komhlaba kunye nefuthe lawo kumhlaba wabahlali, uninzi lwawo usezilalini.

Imo yengxoxo-mpikiswano kwiNdlu kaZwelonke yayiyimbonakalo efanelekileyo yemeko apho ukubuyiselwa koqoqosho kubaluleke kakhulu phakathi kwe-ngqwalasela yethu. Kwangaxeshanye ibingumqondiso othembisayo wokuba iinkokheli zemveli ziyayixabisa indima yazo yokuba yinxalenye yomzamo wokulungisa imeko yesizwe ngokusebenza kunye nokwenza izinto ezintsha.

Elona lifa lilungileyo leenkokheli ezinkulu kukuba imbewu yophuhliso abayityalayo ngexesha layo lokukhula, ikhula ibe yimithi enamandla ekhusela igqume uluntu lwabo kwizizukulwana ezizayo ukuze sihlume.

Njengokuba sisebenza kunye njengelizwe ukwakha kwakhona uqoqosho lwethu, sizakuqhuba ngokuthembela kwinkxaso yeziko lobunkokheli bemveli, eliyinxalenye engenakuchazwa yexesha lethu elidlulileyo, elangoku kunye nekamva lethu. **U**



# Get help for your child

**IT'S NOT ONLY ADULTS** who suffer from depression, children can experience it too.

## Silusapho Nyanda

**P**arents with depressed children must not despair. While depression is a serious mental health condition, it is curable with the right treatment.

The mood disorder may cause distress and is indicated by a persistent feeling of sadness or a loss of interest in life that leads to behavioural and physical symptoms.

According to clinical psychologist Dr Marcia Zikhali from the Gauteng Department of Social Development, it is normal to feel sad sometimes.

Depression is when one feels sad most of the time, which can lead to suicidal thoughts.

"Depression can be triggered by a medical illness, stressful or traumatic events, substance use or the loss of an important person," she says.

It affects adults and children differently. While a child will often withdraw from the adults in their life, they continue to socialise with their close friends.

A depressed teenager may experience changes in sleeping patterns and will, at times, express their feelings through anger and irritability.

"Although some children may continue to do reasonably well in structured environments, most children with significant depression will show a noticeable change in social activities, a loss of interest in school, poor academic performance or a change in



appearance.

"Children may also start using drugs or alcohol, especially if they are over the age of 12," says Dr Zikhali.

There are many signs of depression in children, some of which are:

- Irritability, tantrums or excessive aggression or anger.
- Self-isolation.
- Decreased interest in

favourite activities.

- Low self-esteem.
- Changes in appetite.
- Difficulty concentrating.
- Low energy levels.
- Feelings of worthlessness or guilt.

Parents can help their children by talking to them about what is happening in their life.

"Establish open communication before there are any

concerns. Then, if concerns arise, they will be comfortable talking to you about what's going on.

"Young children often have difficulty putting feelings into words and may feel ashamed or embarrassed about depression. Parents should convey their concerns and ask questions in a loving, supportive way," says Dr Zikhali. **U**

Parents can seek help from a mental health professional, who can determine the best treatment for the child. Contact your local clinic or hospital or the South African Depression and Anxiety Group at **0800 456 789** or send a WhatsApp to **076 882 2775**. For suicide emergencies, call **0800 567 567**.

## Nceda Usindise Ubomi

### Allison Cooper

**U**mbutho i-Sunflower Fund imemela abemi boMzantsi Afrika ukuba banyuse inani lwabantu abanikezela ngeeseli zegazi kwintlanga ezohlukeneyo ukusindisa ubomi babantwana.

NgokukaPalesa Mokomele, intloko kwicandelo lezente ngiso kunye noqhagamshelwano ye-Sunflower Fund, amawaka ezigulana afunyaniswa ezezifo ezinxulumene negazi minyaka le.

Kwixesha elidlulileyo, ezi ziphumo bezisoloko ziyingozi. Namhlanje, uqhaqho lokufakelwa kweeseli zegazi kunokuba lunyango olunokusindisa ubomi njengoko kususwa iiseli ezingalunganga ze kufakwe ezo zisempilweni.

Okulusizi kukuba, uninzi lwabantu obelunokuxhamla kule nkqubo alulufumani unyango oluyimfuneko kuba ukufumana umnikeli ono-

hlobo olufanayo lwethisiyukunzima.

"Izigulana ezingengobelungu zisengxakini ngenxa yenani eliphantsi labanikeli ababhalisiweyo abavela kumaqela abantsundu, abebala kunye namaNdiya," utshilo uMokomele.

### Ithuba lesibini ebomini

Ubomi bukaZyaan Makda (19) baba nguqulukubhode emva kokufunyaniswa ukuba une-heterozygote haemoglobinopathy, isifo segazi esixhalabisa ubomi nesinganyangekiyo, ngo-2007.

Elona thuba lakhe lokusinda yayikukufumana umnikeli ngegazi, kodwa zange afumane umntu onokumenzela oko. Ngenxa yoko, kwafuneka afumane ukuthiwa igazi rhoqo emva kweeveki ezimbini.

"Imithambo esezandleni zam yafa ndaze ndafakwa isitishi segazi esifubeni. Ndadididwa rhoqo, ndakhu-



**Ubomi bukaZyaan Makda batshintsha sibulela ngoncedo alufumana kumnikeli.**

tshwa inyongo yam kunye namaty e nyongo kwaye ndanesifo sedlala elingasebenzi kakuhle. Ndandisoloko ndingayi esikolweni ngenxa yonyango kwaye ndandingakwazi ukuthatha inxaxheba kwezemidlalo. Ukuchitha ixesha elide esibhedlele kwaba nzima kakhulu," utshilo.

Imeko kaMakda yabangela ukulahlekelwa ziinkumbulo kunye nokuxhuzula kwaye kwafuneka ukuba athathe iminyaka emithathu engayi esikolweni. Nangona wa-

yenezi ngxaki, wahlala enethemba. UMakda ekugqibeleni wamfumana umnikeli, kodwa uhambo lwakhe lokuya empilweni lwaluselude kakhulu ukuphela. Kwafuneka enziwe uqhaqho ebuchotsheni ukuze kususwe izivubeko ezaye zisengqondweni yakhe.

"Ngoku ndineminyaka emithathu emva kokwenza uqhaqho kwaye ndiphila ubomi endandingazange ndabucinga ukuba bunokwenzeka, ndibulela ngesenzo esimangalisayo somni-

keli wam waseJamani sobuntu nobubele."

### Yiba lithemba lomntu

UNaledi Senamela (14) kwafunyanwa ukuba une-leukaemia (umhlaza wegazi) kuCanzibe ka-2020. Ujoyina izigulana ezingenakubalwa ezifuna umnikeli ofanayo.

"Oko ndafunyanwa ndinesifo, andikwazanga ukuqhuba kakuhle esikolweni. Andikwazi ukudlala ezemidlalo okanye ndenze izinto ebendizithanda," utshilo uSenamela, ophupha ngokuba ngugqirha.

Abanikeli abanomdla abaphakathi kweminyaka eli-18 nama-55 banokunceda uSenamela nabanye abaninzi abafuna umnikeli ngokubhalisa kwiwebhusayithi ye-Sunflower Fund.

Okufunekayo nje kukwenza uvavanyo olwenziwa ngesiqwenga somqhaphu kunye nemizuzu embalwa yexesha lakho. Cela ikiti yomqhaphu wovavanyo kwi-Sunflower Fund ngokundwendwela u-[www.sunflowerfund.org](http://www.sunflowerfund.org) okanye utsalele umnxeba ku-0800 12 10 82. **U**